

UKULWA NOBUHLANGA

IZINTO EZILISHUMI ONOKUZENZA NGEXESHA LENZILA

“Kufuneka sibe nengxoxo enyanisekileyo ngobuhlanga nako konke ukuzibonakalisa kwako ukuze siqubisane ngokunyanisekileyo nangokuyinene ngobuhlanga kunye neyantlukwano ezidalwa bubuhlanga kwilizwe lethu” (SACBC Incwadi yokwalusa engobuhlanga.).

Ngonyaka ka2016, oobhishophu bethu bakhupha incwadi yokwalusa engobuhlanga neyantlukwano ezibangwa bubuhlanga. Kule ncwadi, oobhishophu bacela umngeni kuthi, njengabalandeli bakaKristu, wokuba sidlale indima ebonakalayo ekubhangiseni ubuhlanga similisele uxolelwaniso lweentlanga eMazantsi e-Afrika.

Sithe sathabatha imiyalezo eyahlukeneyo evela kule ncwadi yokwalusa sayenza ezi ngongoma zilishumi zingezantsi siyenze ngendlela ebonakalayo njengenxalenye yokugcina ixesha Lenzila.

1. Yakha ubuhlobo nabantu abahlukileyo ngokohlanga, ubumveli nobuzwe. Ngexesha Lenzila kulo nyaka, yakha ubuhlobo nomntu omnye ubuncinane ongowolunye uhlanga, imveli nobuzwe. *Khumbula ukuba “kufuneka siyeke ukuthanda kuphela abantu abafana nathi. Xa sithanda kuphela abo sifana nabo ngokwemveli nohlanga, siwa nganeno ekufezekiseni iimfuno zothando esibizwelwa kuzo yiVangeli. Amazwi eNkosi yethu acela umngeni kuthi, xa sibulisa kuphela abantakwethu noodade bethu “kukuphi na esikwenza ngokudlulileyo kunabanye? Abenzi oko yinina nabangakhohwayo?” (Matewu 5:47). (SACBC Incwadi yokwalusa engobuhlanga).*
2. Ngabo bonke oLwesihlanu, yenza umthandazo, umcele uThixo aphilise yaye aguqule lengxuba- kaxaka yobudlelane beentlanga kweli lizwe lethu. Oku ningakwenza kunye nilusapho lwakho, niliBandla, niyimibutho ningabo bentlalo yezifungo, niyikwayala nokuba niliqela lolutsha. *Khumbula ukuba Umsebenzi woxolelwaniso ufuna umntu ngamnye athi qwa, kwaye azingise emthandazweni. (SACBC Incwadi yokwalusa engobuhlanga.)*
3. Cela uxolo ngokuba yinxalenye yobuhlanga obenziwa ngumntu buqu kwanakobo buhleliweyo. Ngexesha Lenzila kulo nyaka, cela uxolo kumntu omnye ubuncinane obe lixhoba leentetho zakho zobuhlanga, ukuhlelisa kwakho okunobuhlanga, nemikhwa yakho yobuhlanga. Landela umzekelo woobhishophu abathi ngokunokwabo bacela uxolo. *“Ngokuzithoba nanjengoko uPetros oyiNgcwele wazityanda igila, thina belusi benu sicambalele phambi koThixo naphambi kwabo basentlungwini, sicela uxolo ngeminyaka esibe yixalenye yobuhlanga obuseBandleni. (SACBC Incwadi yokwalusa engobuhlanga.)*
4. Lungisa neembono zakho ezigwenxa zokugxeshisa ezinye iintlanga. Zibone uzigqale iimbono zakho ezingwenxa onozwa ngabantu abahlukileyo kuwe ngobuhlanga, ngemveli nobuzwe. Kugatywe ukucinga nokubona ngohlobo olunye ezinye iintlanga. Musa ukuquka . Ngexesha Lenzila kulo nyaka, bona abantu ngokwamava onawo ngabo ingekuko oko ukholelwa ukuba abantu (bohlanga, imveli okanye ubuzwe) baziphatha ngendlela ethile.
5. Yiba nomqolo. Musa ukuthi cwaka. Xa uthule nawe uyinxalenye yoko kwenzekayo. Ngexesha Lenzila kulo nyaka, thetha phandle ucele umngeni ubuncinane kumntu omnye kusapho lwakho, kwindawo yempangelo, kwindawo yonqulo, esikolweni, kwiqonga lokunxibelelana nasebandleni othi enze intetho yobuhlanga okanye ahlekise ngezinye iintlanga
6. Bubone ubugqale ubuhlanga obuhleliweyo. Qala ingxoxo nosapho lwakho *“ngobuhlanga, ubunganga nokuba nelungelo elilodwa” (SACBC Incwadi yokwalusa engobuhlanga.)* Yiphicothe into yokuba nelungelo elilodwa oko kubandakanya nelakho. Yiba nomqolo *“kwiimo zoqoqosho ezingalinganiyo kuluntu lwethu ezibangwa yimithetho nendlela ekwakusenziwa izinto ngexesha localucalulo lwamandulo, (SACBC Incwadi yokwalusa engobuhlanga.)*

7. Kwiindawo zasemaphandleni apho ukuba ngumfama bunengeniso ngasezimalini, Sebenzisana nabo bohlanga olwahlukileyo nilwe nezi ngxaki: ukubulawa kwamafama amhlophe, kunye neemeko ezingaxolisiyo zokuhlala nezokusebenza kwabasebenzi abamnyama.
8. Fumana iSakramente yoXolelwaniso okungenani kanye Ngexesa Lenzila. Guquka ucele uxolo lukaThixo ngenxa yokuba yinxalenye kwakho kwisono sobuhlanga neyantlukwano ngokobuhlanga; *Khumbula ukuba "Njengoko sizama ukufikelela omnye komnye ngentetho enyanisekileyo nevulelekileyo, iSakramente yoXolelwaniso(Umzohlwayo) ithi ibaluleke ibenentsingiselo ngokukodwa kuba ngayo siza singaboni sisondele kuBawo wethu uSonceba ukuze siphiliswe sixolelwe. (SACBC Incwadi yokwalusa engobuhlanga.)*
9. Thabatha inxaxheba okungenani kwiqela elinye elixoxa ngobuhlanga. Qinsekisa ukuba ibandlana lakho, iBandla, abo bentlalo yezifungo, imibutho, ikwayala/ iqela lolutsha zizilungiselela iqela lengxoxo ngobuhlanga. *"Siyaqonda ukuba asiyongxoxo ilula le, yileyo uninzi lwethu lukhetha ukucwezela kuyo. Isimemo sethu ngoko sokuqwalasela lo mba singavuselela iimvakalelo ezininzi eziquka ukuzenza msulwa ukuziva unobutyala kwanokubetha ngoyaba lo mba.Kwelinye icala kungakho imvakalelo yomsindo ngaxalimbi nokudakumba. Igxoxo enengqiqo nentlonipho ingundoqo ukuze sivuleleke ekwamkeleni impiliso kaThixo" (SACBC Incwadi yokwalusa engobuhlanga.)*
10. Yiba ngumngcibi weentanda eBandleni lakho, kwindawo yokuxelenga, ebumelwaneni. Apho kukho khona iyantlukwano esekelezelwe kubuhlanga, imveli nobuzwe, phakama udlale indima yokubangumxolelanisa. Yakha ibhulorho yoxolo nokunyamezelana. Zichithe iindonga zoloyiko nomsindo. *Khumbula ukuba "banoyolo abaxolisi, ngokuba baya kubizwa ngokuthi bangoonyana bakaThixo bona" (Mateyu 5:9).* Imizamo yoxolelwaniso lobuhlanga emaBandleni, kwiindawo zokuxelenga nakuluntu mayimiliselwe kwiimfuno zokubuyisela ithemba nobulungisa. Mayikhangele *"ithomomalise uloyiko olungenashlahla ihlumise ubulungisa. (SACBC Incwadi yokwalusa engobuhlanga.)*

Xa sibhiyoza kwiYukaristia, engumqondiso wobunye kumzimba kaKristu, sibongoza iNkosi ukuba iphilise kwaye iguqule ubudlelane kwiiDayosisi nakumabandla ethu ukuze sibe ngamabandla okholo apho"Kungekho Myuda nowentlanga,khoboka nokhululekileyo,ndoda namfazi"(Galati 3:28) (SACBC Incwadi yokwalusa engobuhlanga).

Langa ixesha Lenzila kulo nyaka lingakwandisa ukuhlangana kwethu buqu noKristu Obethelelweyo nowaphalaza igazi lakhe ukuze uluntu lusindiswe.

"Yanga iNkosi yoXolo ingasipha isizwe sethu uxolo, impiliso noxolelwaniso esilulangazelelayo. (2 KawbaseTesalonika 3:16)" (SACBC Incwadi yokwalusa engobuhlanga).